Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2014

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO– P1

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **2 iiyure**

*IXHOFA1*

Olu viwo lunamaphepha ali –15.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) (amanqaku) |
| ICANDELO B: | Isishwankathelo | (10) (amanqaku) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) (amanqaku) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Bhala Icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.

5. Landelelanisa iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yolwandelelwaniso esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha :

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | 50 imizuzu |
| ICANDELO B: | 30 imizuzu |
| ICANDELO C: | 40 imizuzu |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A:UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

1. UVusumzi wayezalelwe wakhulela kuCentane kwilali yaseCentuli. Ngumfo owayesithi chu entweni engangxami, yiyo kanye loo nto eyabangela ukuba athiywe igama lokuba ngu*Snail* ngamakhwenkwe ebanga lakhe leshumi elinanye, kweso sikolo sodumo saseNdamase kwisithili saseNgqeleni. Waqala ngokulicaphukela eli gama kodwa kwathi kwakungenelela neetitshala wada walamkela. U*Snail* lo wayeyinceke ezititshaleni kuba, wayesithi ukuba kubekwe iimvavanyo azithi chwethe chwethe ngathi uyifotile incwadi. Izifundo awayebagqwesa kuzo yayiziziBalo nezobuGqi, ezona zifundo zazisoyikwa kakhulu ngabanye abafundi. Oku kuhlaba kukaVusumzi kwakubahlaza kakhulu abanye lakufika ixesha lokuxhonywa kwamanqaku ebhodini ngaseOfisini yenqununu. Kwade kwabakho iqela elalingaginyani mpela naye elalikhokelwa sisixhiphothi sento eyayidume ngokuwagila amakhwenkwe kumdlalo wombhoxo, – uThembelani waseGugulethu eKapa.

2. Ukoyikwa kwakhe ngamakhwenkwe amaninzi uThembelani kwamenza ukuba adelele, azibone eyinkunzi kaMinosi kweso sinala. Wawubhuda umhlola mhla wangena embonzeleka kwigumbi looVusumzi kubonakala phofu ukuba akayedwa. Ankwantya amanye amakhwenkwe, esoyika imela awayeyithe qhiwu, ethukisa ekwekwa uVusumzi. Akubuzwa into awayeyizele wasuka wonda ngoVusumzi efuna ukumhlaba. Axokozela kwangoko amanye amakhwenkwe ezama ukumnqanda, enye yamthi quba ngamanzi. Uthe ngeli xesha alibele kukuzikhama ebusweni, uVusumzi wafumana ithuba lokutsala induku phantsi kwebhedi wamhlala kanobom ezandleni, emaqatheni nasentloko. Ngelo xesha imela ipoqe kudala. Uthe xa athi makamgqibezele abe selefikile amanye amakhwenkwe, “Snail! Snail! Mfanti! Hayi khona musa ukumbulala! Lityala eli uzifaka kulo”.

3. Ukususela ngale mini ubutshaba phakathi kwala makhwenkwe baba bukhulu, nangona babuthe cwaka ngoku. Eyona nto yayimenza afune ukuzibulala uThembelani, kukucinga ukuba iwonga lakhe laliphelile ngoku. Bobabini bohlwaywa ngemvumelwano yabazali babo ngokuthi balwe. Kwinyanga kaTshazimpunzi kwabakho ukhuphiswano lwabafundi kwezeNzululwazi. Kwakuza kubhalwa uviwo aze umfundi okanye abafundi abagqwesileyo ngamanqaku basiwe kwinkomfa yabafundi beNzululwazi yabasuka kumazwe ngamazwe eLondon. Bonke abafundi ababenomnqweno bafunda baqhekeka iintloko. Kwabo babenomnqweno wokuya eLondon yayinguThembelani. Wagqiba kwelokuba azame ukuzihlobanisa noSnail lo okomzuzwana, ukwenzela ukuba afumane uncedo, "Snail, mfondini, masizilibale ezenzekayo, sisebenzisane kolu viwo."
   "Ufuna ntoni?"
   "Uncedo nje kwiindawana ezinxulumene nombane," watsho enqika incwadi. USnail uye wamphokozela ngamandla engakrokreli nto.

4. Ngokuhlwa ukuba kuza kusa kubhalwe, uThembelani wancokola namanye amakhwenkwe emagumbini okulala, wafumanisa ukuba uVusumzi ngumntu onesifo sentliziyo, ekuthiwa samqala mhla wothuswa yinyoka elele. Ngokutsho kwabamaziyo kuthiwa le nyoka yangena emandlalweni wakhe phambi kokuba alale, waza yena wayibona seyinqumla umandlalo wakhe. Ukususela ngoko waba nobuphakuphaku, umothuko nentliziyo. Kusuku olulandelayo lwabhalwa uviwo, bonke abafundi baphuma bencoma ubunzima boviwo ngaphandle kukaSnail. Zakuphuma iziphumo, zambeka phambili uSnail, elandelwa nguThembelani. Kuqala kwakhe kwavakala ukuba babini abantu abaza kuya eLondon ngokulandelana kwabo. Imincili kaThembelani yabangela ukuba acele ukukhululwa agoduke, ngeenjongo zokuya kucela imali yomphako nempahla. Wabuya efukuzela. Ngelishwa kwaye kwafika enye incwadi evela kwiSebe leMfundo isithi makulungiselelwe umntwana abe mnye akhatshwe yititshala. Ezi ndaba zamxhela kakhulu uThembelani, wadana wayimfe akuxelelwa ukuba akasahambi. Ingqumbo yakhe yabangela ukuba atyhole wonke umntu esithi uyacatshukelwa.

5. Kwabanjwa isibhadlalala setheko lokuvuyisana nokuza kuthi ndlela ntle kuVusumzi. Babemenyiwe abazali, izihlobo nezizalwana zakhe. Umntu ongazange aye kwelo theko nguThembelani neqela lakhe. Ngalo lonke eli xesha bona babethe bhakada ehlathini nasemifuleni. Kungekudala kwavakala omnye ekhwaza, "Nantso!". Ibe ngu mpu mpu mpu, gqum, kugityiselwa. Emveni koko kuthe cwaka, aqwalasela onke phantsi kwelo litye. Yayiliphimpi elibude bungangemitha! "Heke, kwaqal'ukulunga. Sokhe sibone ukuba uza kuya na kule London yodumo lo mxhaka weqiqisholo leqaba lakuCentane. Yintoni yona le kuthiwa mayiwele imele isikolo?."

[Sicatshulwe kwincwadi yamabali amafutshane, *Inxili;* K.S. Bongela; iphepha 26-33 saza sahlelwa]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Wayezalelwe phi uVusumzi? (1)

1.1.2 Igama elithi 'Snail' lalichaneke kangakanani njengesiqhulo sikaVusumzi? (1)

1.1.3 Xa kusithiwa uVusumzi wayeyinceke yeetitshala kuthethwa ukuthini? Khetha impendulo kwezi:

A Wayengumntwana ozidikayo iititshala.
B Wayengumntwana othandwayo ziititshala.
C Wayengengomntwana othandwayo ziititshala.
D Wayengumntwana ozihloniphayo iititshala. (1)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.4 Chaza isizathu esasibangela ukuba uThembelani neqela lakhe limcaphukele uVusumzi. (2)

1.1.5 Nika intsingiselo yebinzana 'kubonakala phofu ukuba akayedwa.' Njengoko lisetyenzisiwe kulo mhlathi. (2)

1.1.6 Ungatsho na ukuba uThembelani wayenenjongo yokuqala umlo kuVusumzi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.7 Yintoni eyayiza kulandela ukuba uVusumzi wayenganqandwanga? (2)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.8 Laba yintoni igalelo lokubizwa kwabazali babo bobabini abantwana abalwileyo esikolweni? (2)

1.1.9 Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa 'iwonga lakhe lalise liphelile ngoku'? (1)

1.1.10 Khangela igama eliNYE elithetha into enye neli 'Intlanganiso' (1)

1.1.11 YINYANISO okanye BUBUXOKI? Nangona uVusumzi wamnceda uThembelani ukulungiselela uvavanyo, wayesenesixhiba somlo wabo. Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi 4 no 5**

1.1.12 Ukuba ubunguVusumzi ubunokuziva njani xa uzibona uphumelela uhambo oluya eLondon, ngenxa yokuzinikela kumsebenzi wakho wesikolo? (2)

1.1.13 Kwakuza kumnceda njani uThembelani ukwazi ngobunkenenkene bempilo kaVusumzi? (2)


1.1.14 Bhala eli binzana usebenzise amazwi alula:
'Ezi ndaba zamxhela uThembelani.' (1)

1.1.15 Iveza ntoni ngoThembelani nabahlobo bakhe into yokungayi kwitheko lokuvuyisana noVusumzi? (1)

1.1.16 Nika esi sicatshulwa isihloko esisifaneleyo. (1)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 Jonga lo mfanekiso uphendule imibuzo elandelayo.




[Lo mfanekiso uthathwe kwi*Drum Magazine,* 24 Oktobha 2013, iphepha 16]

1.2.1 Sesiphi esi sifundo sifundiswa kulo mfanekiso? Bhala ngesiXhosa. (1)

1.2.2 Yintoni esetyenziswa ngutitshala ukubhala ebhodini? (1)

1.2.3 Esi sifundo sidume ngokuba lula okanye ngokuba nzima na kubafundi? Ucinga ntoni wena ngaso? (1)

1.2.4 Lukhona na uzalwano phakathi kwesicatshulwa A kunye nesicatshulwa B? Zixhase. (2)

1.2.5 Ingaba inkangeleko yobuso bukatitshala ichaza ntoni? (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa uze usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma.

### IMIYALELO

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-xhenxe, uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo.
2. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahlanga umxholo.
3. Ubude bomthamo wesishwankathelo mabungadluli kumagama angama-shumi amathandathu.
4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

**AMACEBISO OHAMBO**

Amanenekazi ngabona bantu basoloko bezixakekisa ngokuphatha imithwalo emininzi xa besiya kwiiholide. Apha sifundisa abantu indlela yokungabi namithwalo mininzi xa behamba. Ityesi enye kunye nengxowana na zanele ukuze umhambi angaziboni elahlekelwa yimpahla yakhe yexabiso, ngenxa yokuxinana kwengqondo ade alibale nokuba ibimingaphi na imithwalo yakhe. Xa uza kuthabatha uhambo lweeveki ezimbini akukho mfuneko yokuba uphathe izinto ezininzi kuba, amaxesha amaninzi inyaniso yeyokuba ude ubuye ungakhange uzisebenzise zonke ezo mpahla. Funda indlela yokungabi namithwalo mininzi xa uhamba ngokuthi uzithathele kula macebiso, angakunceda xa upakishela uhambo lwakho.

Khetha ilokhwe enye okanye ezimbini ezinemibala eyohlukeneyo, iitophu, imibhinqo neebhulukhwe, uze uphathe nezinto zokuhomba eziqaqambileyo. Bahlukanise ubomi bakho – phatha ilokhwe enye endilisekileyo nezinye izinto ezahlukeneyo ongazinxiba uzixube, ukuze unxibe okwahlukileyo usuku ngalunye. Xa uqalisa ukupakisha beka zonke izinto ezibalulekileyo phezu kwebhedi, uze upakishe isiqingatha sazo, ujonge into oyilibeleyo wandule ukupakisha eziseleyo.

Susa umthwalo engqondweni yakho ngokuthi ungazipakishi zonke izihombo zakho,ngaphandle kokuba apho uya khona kufuneka unxibe kakuhle yonk'imihla. Ungathenga izihombo neebhengile apho uya khona. Ungathengi “ngaphambi kohambo”, izinto ezininzi oza kuzidinga kwiholide yakho ungazithenga apho uya khona, ungamoshi ngesithuba kwiibhegi zakho. Izinto oza kuzidinga mazibe kufutshane-kwingxowana yakho, faka ispaji, amaphepha okuhamba, ikhamera encinane, unomyayi, izitshixo nengxowana ye-make up. Nciphisa umthwalo ngokuthi uthenge iipakethana ezilungiselelwe iiholide xa uthenga isepha yeenwele, ikhondishina nezinto zokuthambisa. Ungaphathi iibhotile ezinkulu, ezinye izinto ungaziphungula kwezo ubukade uzisebenzisa kakade.

[Sicatshulwe kwi*Bona Magazine,* April 2010, iphepha 106, sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

### ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uphendule imibuzo esekwe kuso.




[Sicatshulwe kwi*Bona Magazine,* July 2014, iphepha 92]

3.1 Kuthengiswa ntoni kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.3 Igama elisetyenzisiweyo elithi, 'usomaqhuzu' linika eyiphi intsingiselo? Khetha kwezi mpendulo :

A Umntu othanda ukuqhula.
B Umntu oyincutshe nobalaseleyo.
C Umntu ekuthenjelwe kuye.
D Umntu ozigqatsayo. (1)

3.4 Xela zibe MBINI izinto ezinokukhuthaza abathengi kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.5 Siyintoni isizathu sokusetyenziswa komfanekiso kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.6 Ifumaneka phi imigaqo nemimiselo yokhuphiswano lwale ntengiso? (1)

3.7 Caphula ibinzana elingumzekelo wolwimi olucengayo. (1)


3.8 Ucinga ukuba akuyolahleko na kumthengisi ukunikezela ngezipho ezinexabiso eliphezulu kangaka? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4**

**OKUBONWAYO: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ilandelayo uphendule imibuzo engezantsi.




[Ithathwe kwi*Bona Magazine,*Novemba 2006]

4.1 Intetho kaStix ethi, 'Yheyi wena Rasta' ibonisa ukuba isithethi siziva njani ngoRasta? (1)

4.2 Impendulo ethi, ' ... ndiyazikhaba izibhanxa ezindiqalayo' mveza njengomntu onjani uRasta? (1)

4.3 Tolika okuqhubeka kwibhokisi yesibini (2)

4.4 Kwenzeka ntoni kwibhokisi yesine? (2)

4.5 Chaza igalelo likaShoti kule ngxaki bajongene nayo ooRasta noStix. (2)

4.6 Ubaleka ntoni uShoti kwibhokisi yesi-xhenxe? (1)

4.7 Ngubani umzobi wale khathuni? (1)
**[10]**

## UMBUZO 5

## ISICATSHULWA

5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

1. Bafika ekho uThantaswa owayesel'etsalelwe umnxeba nguMfuneko, emxelela ukuba amapolisa asendleleni eza emzini wakhe. Bamfumana ezenzela umsebenzi wakhe wesiqhelo okomntu ongazi nto. Bafika bayithi dwadla kuye loo nto, wathi akusitsho isikhalo bamshiya apho ethuthuzelwa nguNozizwe owayesandul'ukufika.

2. Zathi zakuvakala iindaba zokugetyengwa kukaMsindisi Yangaphi yajika loo **dolophu** yaseGcuwa, yayizizijwili ukususela kwababemazi nje ukuya kuqhina kubasebenzi bakhe. Babekhumbula amazwi awayedla ngokuwathetha ebayala esithi, "Eli shishini asilolam ndedwa, lelethu sonke. Ngaphandle kwentsebenziswano yethu sonke, liphelile tu". Abasebenzi abaninzi babesothuswa nayile yomqeshi obandakanya abaqeshwa eshishinini lakhe. Kaloku babeqhele oosomashishini *abangqwabalala*, abazingomba izifuba ngamashishini abo. Intetho ethi, "indoda engafuni kusebenza kungcono ityathe ibhaty**ana** yayo iyokuphuma ngesango", babeyiqhelile kodwa akukho nemini enye abakhe bayiva kumfo kaYangaphi owayengesiso isityeba-mva, sona sinqol'intaba!

[Ucatshulwe kwiNoveli – *Inkawu idliw'ilila,* S. Kula, iphepha 63 yahlelwa]

5.1.1 Khangela isihlomelo esikumhlathi wokuqala uze uxele udidi lwaso. (2)

5.1.2 Igama u-'**dwadla**' lisetyenziswe njani kwesi sivakalisi silandelayo?Bafika bayithi dwadla loo nto. (1)

5.1.3 Isenzi ‘ukuthuthuzela’ sisetyenziswe njani kwesi sivakalisi silandelayo?
“... bamshiya apho ethuthuzelwa nguNozizwe ...” (1)

5.1.4 Nika igama elinye elithetha into enye neli, ‘ukugetyengwa’ (1)

5.1.5 Kumhlathi wesibini, qwalasela igama elibhalwe gwenxa ulilungise. (1)

5.1.6 Xela isizathu esibangele ukuba igama elibhalwe ngqindilili libe kwimeko elikuyo nje. (1)

5.1.7 Khetha injongosenzi kwesi sivakalisi, ‘Umqeshi uyababandakanya abaqeshwa bakhe. (1)

5.1.8 Guqula esi sivakalisi silandelayo usibhale sibe kwingxelo-ntetho.
“Basebenzi! eli shishini lelethu sonke. Ngaphandle kwentsebenziswano yenu, liza kuphela tu”. Watsho uYangaphi. (2)

5.1.9 Yakha isenzi kwesi sibizo silandelayo, ‘umqeshwa’ (1)

5.1.10 Ludidi luni lwesichazi esifumaneka kwisivakalisi esilandelayo?
‘Kaloku babeqhele oosomashishini **abangqwabalala** ...’ (1)

5.1.11 Ingaba isimamva u-**ana** kwisibizo ibhatyana siveza eyiphi imo kwezi zilandelayo?

A Isiqhulo
B Indelelo
C Ukweya
D Ukuteketisa (1)

5.1.12 Matanisa isaci esikuKHOLAM A kunye nentsingiselo yaso ekuKHOLAM B. Bhala inombolo yombuzo kunye nonobumba omele impendulo,
umz: 5.1.12. D.

| IKHOLAM A | IKHOLAMB | |
|---|---|---|
| Isityeba mva sinqol’intaba | A | Umntu osandul’ukubufumana ubutyebi, nobancedayo abanye abantu. |
| | B | Umntu osisityebi oneemoto ezinyuka intaba. |
| | C | Umntu osandul’ukubufumana ubutyebi, nobaphakameleyo abanye abantu. |
| | D | Umntu osandul’ukuba sisityebi esinyuka intaba. |

(1)
**[14]**

5.2 Qwalasela umfanekiso ufunde umhlathana ohamba kunye nawo wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**KwaTshisanyama!!!**
**Umfundi ubonwe esoja inyama ngexesha lesikolo.**



[lo mfanekiso uthathwe kwi*Heartlines Magazine*, iphepha 51]

5.2.1 Guqula esi sivakalisi sibe kwisininzi,
'Umfundi ubonwe esoja inyama ngexesha lesikolo' (1)

5.2.2 Tshintsha esi sivakalisi sibe kwixesha eladlulayo.
Umfundi ubonwe esoja inyama ngexesha lesikolo. (1)

5.2.3 Bhala kwakhona esi sivakalisi sibe kwimo elandulayo.
Yinyama yenkukhu le yojiwayo. (2)

5.2.4 Sebenzisa isihlanganisi esikwizibiyeli ukudibanisa ezi zivakalisi zibini.
Abantwana bayaphuma baye edolophini. Umthetho wesikolo ufuna abantwana babe semagumbini okufundela (nangona) (2)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**EWONKE AMANQAKU: 80**